

# Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

Isixhosa / English

| August 2016 Edition 1

## SA gaining ground in AIDS fight



Deputy President Cyril Ramaphosa with the United Nation's Secretary-General Ban Ki Moon at the 21st International AIDS Conference in Durban.

**Chris Bathembu**

South Africa is set to launch a ground-breaking Antibody Mediated Prevention (AMP) vaccine trial.

"This is the most important vaccine trial in seven years that will happen on South African soil led by South African scientists at the Medical Research Council," said South African National Aids Council CEO Dr Fareed Abdullah.

The AMP study is a new idea for HIV prevention that is related to what has been done in HIV vaccine research. In traditional HIV vaccine studies, people are given a vaccine and researchers wait to see if their bodies will make the antibodies against HIV in response.

In the AMP study, however, researchers give people the antibodies directly.

Reacting to the announcement, Health Minister Dr Aaron Motsoaledi said South Africans should welcome any initiative aimed at finding an effective HIV vaccine.

Speaking to *Vuk'uzenzele* at the 21st International Aids Conference in Durban, Minister Motsoaledi said: "We know that for both TB, HIV and AIDS we need a vaccine urgently. If we can't get one, we won't break the back of these diseases. We need a game changer and a vaccine for HIV and AIDS will be a huge one."

South Africa also used the conference to demonstrate its unique capabilities in the fight against HIV and AIDS. South Africa hosted the conference this year, for the second time, having first hosted it in 2000. Unlike the 2000 conference that was overshadowed by debates which sought to prove or disprove the clash between the politics of HIV and science, this year's event was characterised by the desire by countries to usher in

a fresh approach in the fight against HIV and AIDS. For this particular study, South Africa is one of the trial sites and there are already patients who are part of the trial and getting antibodies which are being infused into their blood to prevent HIV.

"This is a cutting-edge science. There is a lot of hope and expectation that these type of trials are key to the scientific step forward," said Abdullah. If the trials succeed, this will put South Africa on the world map in terms of finding solutions for HIV. Minister Motsoaledi said South Africa and the world have to move with speed to find an HIV vaccine, adding that vaccines are as important as the cure for AIDS. Speaking during the conference, Deputy President Cyril Ramaphosa said since South Africa last hosted

Cont. page 2



**R7 million investment benefits Bergville**

Page 4




**Tshwane empowers the youth**

Page 5

**A female farmer driven by passion**

Page 8

ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za  
www.vukuzenzele.gov.za  
E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za  
Tel: (+27) 12 473 0179

**Free Copy**

# Abahlali baseJericho bafumana amanzi



UMphathiswa waManzi noGutyulo uNomvula Mokonyane, iNkulumbuso yaseMntla Ntshona uSupra Mahumapelo, kunye nee-MEC kumsitho wokuvulwa ngokusesikweni kweProjekthi yokuBonelela ngaManzi iPhandle laseJericho.

Gabi Khumalo

ISebe lezaManzi noGutyulo li-misele inkqubo yobonelelo ngamanzi eza kwenza ukuba amanzi afumaneke lula eJericho, eMntla Ntshona.

Le Projekthi yokuBonelela ngaManzi yePhandle laseJericho exabise ima-

**“Asingekhe sisingele phantsi ukunikezelwa kweenkonzo kuluntu. Amanzi bubomi ukanti ugutyulo sisidima.”**

li ezizigidi zeerandi ezili-15 ikhokelele kuphuculo loqoqosho nentlalo yaza yenza kwakho amanzi aneleyo kummandla waseJericho kuMasipala weNgingqi waseMadibeng.

Lo msebenzi ubandakanya ukufakelwa nokudityaniswa kwemibhobho

yamanzi, ukuvavanywa nokugrunjwa kwemithombo yamanzi, ukugqokelelwa kwamanzi anokukhutshwa ngumthombo wamanzi, kwanokudityaniswa kwemibhobho yamanzi emitsha kule sele ikhona kunye nedama eli kutsalwa kulo.

Ngethuba lokuvulwa kwalo msebenzi ngokusesikweni, uMphathiswa uNomvula Mokonyane neNkulumbuso yoMntla Ntshona uSupra Mahumapelo banikezele ngeenqwelo zokuthutha amanzi kabantu abahluphekileyo. Inqwelo nganye inokugcina amanzi azikhilolitha ezili-100.

UMphathiswa ucele uluntu ukuba ludlale indima yalo ukukhusela iziseko ezingundoqo zikarhulumente ezenzelwe ukuphucula ubomi babantu.

“Asingekhe sisingele phantsi ukunikezelwa kweenkonzo kuluntu. Amanzi bubomi ukanti ugutyulo sisidima. Kufuneka sisebenze ngabantu ababa amaqoqo eempompo zamanzi kwanempompo. ▣

## Iphulo lotyalomali oluzizigidi ezisixhenxe zeerandi luxhanyulwe ngabantu baseBergville

**OOMASIPALA BAKWAZULU-NATAL** bayazuza kwiNkqubo kaRhulumente yokuHlaziywa kweDolophana eziNcinci.

Thandeka Ngobese

I mali etyalwe ngurhulumente ngeenjongo zokuqinisekisa ukuba iilali zizuzwa iinkonzo ikhokelele ekumiseleni nasekuvulweni kweziko leenkonzo zikaxakeka neziko lokuvavanywa kwabaqhubi kwidolophu yaseBergville.

Baliqela oomasipala kubandakanywa noMasipala wase-Ukhahlamba KwaZulu Natal abasele bencancile kule nkqubo. IBergville iyinxalenye yalo masipala.

ISebe loLawulo lweNtsebenziswano nezeMicimbi yeMveli (i-Cogta) sele lisebenzise imali engaphezulu kwezizigidi ezisixhenxe zeerandi kuphuhliso lwaseBergville.

UMphathiswa wePhondo (i-MEC) we-Cogta uNomusa

Dube-Ncube kunye no-MEC wezoThutho osanda kunyulwa kutshanje kwakunye no-MEC wezoKhuseleko loLuntu uMxolisi Kaunda kutshanje bamisele ezi nkqubo.

U-MEC uDube-Ncube uthe injongo ephambili yeNkqubo yoPhuhliso lweDolophana eziNcinci kukukhulisa uqoqosho emaphandleni ukuze kudalwe neengingqi ekhuselekileyo necocokileyo neyakukhokelela kugcino lotyalo zimali, ukurhwetyeshwa nokukhuliswa kwalo.

“Kwangelo thuba linye kukwadalwa namathuba ethutyana emisebenzi ngokuphuhlisa kweziseko ezingundoqo lo gama kukwadala namathuba asigxina emisebenzi ngokutyalwa kwezimali ngamashishini azimeleyo.

Ngabantu abatsha abangaphezulu kwama-40 aba-

phuma kuMasipala wase-Ukhahlamba abasele befumene uqeqesho kucimo-mlilo. Kungoku nje bonke banemisebenzi esigxina kwiziko leenkonzo zikaxakeka. Kukwaqeshwe nonogada kwakunye nabasebenzi bokutshayela nokucoca. Lo Masipala ube sakuxhomekeka kubacimi-mlilo boMasipala waseLadymith/uMnamibithi. Oku bekuthetha ukuba ukhuseleko lwabakhenkethi nabahlali belusesichengeni,” utshilo uDube-Ncube.

U-MEC uKaunda naye lo msebenzi uwubona njengento ebalulekileyo. “Abantu ngoku baza kuyeka ukuchitha imali baye eLadysmith, khona ukuze babe nokufikelela kwezi nkonzo ekungoku nje zikho eBergville,” utshilo u-MEC uKaunda.



Iziko elitsha leenkonzo zikaxakeka laseBergville liza kuqinisekisa ukuba abantu bakhuselekile kule ndawo.

UNKosi uMenzi Hlongwane weSizwe samaNgwane uthe bayavuya leli nyathelo.

“Oku kubonisa ukuba urhulumente uzimisele ukuphuhlisa amaphandle. Asizange sicinge ukuba apha eBergville kungakho isitishi sokucima umlilo andithethi ke ngeziko lovavanyo lwabaqhubi bezithuthi,” utshilo.

Omnye wabacimi mlilo uNompumelelo Mhlungu uthe wathi akuya ngolu qeqesho lwaba bafuna imisebenzi waba madolw'anzima ukufaka isicelo kuba ecinga ukuba isicelo sakhe sasingsayi kuqwalaselwa.

“Akuyo nyani ukuba ukuze

ufumane umsebenzi kwarhulumente kufuneka ube nomntu omaziyo ngaphakathi. Ndandingazi mntu. Ndeva ngalo msebenzi ndaza ndafaka isicelo ndawufumana umsebenzi. Urhulumente unika amathuba alingayo kuye wonke ubani,” utshilo.

Usodolophu kaMasipala wase-Ukhahlamba uThulani Sibeko uthe eli ziko liza kunceda kakhulu abo bafuna ukufumana amaphephamvume okuqhuba ukuba bangachithi imali eninzi.

“Abantu balapha bebesakuya e-Estcourt kungenjalo eLadysmith kodwa ngoku baya kusebenzisa eli ziko likufuphi kumakhaya abo.” ▣

# I-Tshwane iphuhlisa ulutsha

Nosihle Shelembe

**I**nkqubo yesixeko sase-Tshwane eyaziwa ngokubayi-*Tshepo 10 000* ijolise ekuphuhliseni ulutsha. Le nkqubo ibandakanya uphuhliso lwezakhono zolutsha ngokuluxhobisa ngoqeqesho kwezoshishino nezimali kwanokusekwa kookopolotyeni.

Le nkqubo ikwabonelela nangamathuba entengiso kusetyenziswa inkqubo yesixeko yecandelo lokuthengwa nokuthengiswa kweenkonzo elungiselelwe oko kwanokuncediswa kwanobanomdla ukuqinisekisa ukuba ookopolotyeni abaninzi bayaphumelela nokuqinisekisa ukuqhubeka kokudalwa

kwamathuba emisebenzi.

Ngethuba lokuphehlelwa kwale nkqubo ngenyanga yeKhala ngowama-2013, esi sixeko safumana izicelo ezingama-52 000 ziphuma kuyo yosixhenxe imimandla yalapha eTshwane, kodwa nakubeni kunjalo, zizicelo ezingama-10 000 ezamkelwayo.

Ngokosomlomo kaSodolophu wesi sixeko, uBlessing Manale, ookopolotyeni abathe banikwa umsebenzi wobugcisa babe nokudala izingxungxo ezingaphezulu kwama-2 662.

Esi sixeko sikwanike ookopolotyeni abangama-279 imisebenzi exabise imali engama-247 809 696.71 eerandi, utshilo uManale.

La mathuba abandakanya ukuthengisa iimpahla kunye nokwenza umsebenzi wobugcisa nokubakanya ucoco lwamangcwaba, ukubhalwa kweempawu zendlela, ukucocwa kwezakhiwo zesixeko, ukuchetywa kwengca, ukufakelwa kweebhokisi zombane, ukupeyintwa nokulungiswa kwezakhiwo. **U**

## Inkqubo yaseTshwane yophuhliso lwezakhono ijoliswe kulutsha

Nosihle Shelembe

**N**gethuba uNteseng Mogorosi wayephumelela ibanga lematrikhi ngowama-2004, wayesazi ukuba ufuna ukuba ngusomashishini kuba ekholelwa ukuba oko kuya kumenza akwazi ukuphila ubomi abuthandayo.

Wabhalisela imfundo enomsila kwizifundo zezibalo, i-Bachelor of Accounting Science phantsi kweDyunivesiti i-Witwatersrand kodwa ngelishwa akazange abe nokugqiba ngenxa yokunqongophala kwemali.

Waba nethamsanqa kuba inkampani yobonelelo ngombane u-Eskom yamnika ithuba lesibini lokuba aye kufundela i-National Diploma in Financial Management eCentral Johannesburg College, phantsi kwenkqubo

yakhe yokufundiswa usemsebenzini.

Akube ephumelele ngowama-2009, waye waqeshwa ngu-Eskom njengegosa elijongene nentlawulo yemivuzo yabasebenzi bale nkampani.

Nakubeni kunjalo uMogorosi wayesoloko enephupha lokuziqalela ishishini lakhe. Ngowama-2011 walahla emsebenzini kwa-Eskom waziqalela ishinshini lakhe kwezothutho.

Wazithengela iloli awayeyisebenzisa ukuthutha impahla zisuke eMzantsi Afrika ziye eZimbabwe kodwa elo shishini alizange libe nampumelelo kuba iloli yagaxeleka engozini.

“Yayilixesha elibuhlungu kakhulu kum ukuthutha kweshishini lam. Yayilixesha elinzima ebomini bam kodwa nakubeni kunjalo andizange ndinikezele kuba kwakukho

nomntwana ekwakufuneka ndimondlile.

“Ngelo thuba ndafunda iincwadi ezininzi ngabantu ababe nempumelelo kumashishini abo. Uninzi lwabo ndafumananisa ukuba lwalukhe lwawa kodwa lwabuya lwavuka. Ngelo xesha ndandineminyaka engama-25 ubudala ndaza ndaqonda ukuba ndisenalo ithuba lokuba ndibe ndingaphumelela kuba ndandisemtsha,” utshilo uMogorosi.

Ngowama-2013, weva ngenkqubo yesiXeko sase-Tshwane yokuphuhlisa kolutsha ngezakhono nakushishino, i-Tshepo 10 000, naye zange aliyeke eli thuba.

Emva koqeqesho, yena kwakunye noogxa bakhe kwezoshishino, awadibana nabo ngethuba loqeqesho, baye bafaka isicelo sobhaliso kakopolotyeni wabo owaziwa

ngokuba yi-Mokopu Group.

Ngenyanga yoKwindla ngowama-2014, eli shishini elibonelela ngeenkonzo zococo lwemizi-mveliso, ukuchetywa kwengca, ukutshatyalaliswa kwezinzambuzane nobonelelo lwezinto zokucoca labhaliswa ngokusesikweni.

Kungoku nje liqeshe abasebenzi abasigxina abali-17 nabangxungxayo abangama-60.

“Owona mceli-mngeni mkhulu lo kopolotyeni owawujongene nawo ekuqaleni yayizizimali kuba xa bethe bafumana umsebenzi kwisixeko, kwakulindleleke ukuba bazithenge ezo zinto zifunekayo ukanti ke bona babeya kuhlululwa emva kweentsuku ezingama-30, utshilo uMogorosi.

Waleke ngelithi amalungu kakopolotyeni ayeboleka iimali kwiintsapho zawo kho-

na ukuze abe nokuphumeza oko kufunwa sisixeko kubo.

“Xa sasiqala, ilungu ngalinye kwakulindleleke ukuba libinze ngekhulu leerandi nyanga nganye, mali leyo esasiyisebenzisela ukuhamba nezinto ezinxulumene neshishini ezifana nokufumana isiqinisekiso se-BEE, kwanokubhaliswa kwalo.”

Noxa kunjalo, uMogorosi uyalukhuthaza ulutsha ukuba luqale amashishini alo.

“Xa ukhangele amazwe aphume izandla kwezoqoqosho kwihlabathi liphela, uninzi lwawo uyakufumanisa ukuba ukukhula koqoqosho lwawo lusekelezwe kumashishini asakhasayo.

“Le nkqubo i-Tshepo 10 000 ngumbono omhle kuba uninzi lwabantu abayinxalenye yayo ibe ingabantu abangasebenziyo nabebekhangela umsebenzi,” utshilo. **U**

## Umbane ufakwe ngokusemthethweni kwimimandla enamatyotyombe yaseRhawutini

Albert Pule

**I**nkampani iCity Power, eliqumrhu lesiXeko saseRhawutini ityala imali ezizigidi zeerandi ukunciphisa umkhuba wokufakelwa kombane ngokungekho mthethweni nokuqinisekisa ukuba usetyenziswa ngendlela ekhuselekileyo kwiindawo ezingamatyotyombe ezingqonge esi sixeko.

Ibambela Mlawuli oyiNtloko weCity Power uSicelo Xulu uthe inkqubo yokufakelwa kombane nebandakanya ukufakelwa kweebhokisi zombane wekhadi ijoliswe kwiindawo ezingamatyotyombe ezili-189 kwisiXeko saseRhawutini.

Ezi ndawo zingamatyotyombe zahlulwe zazindidi ezintathu.



Udidi lokuqala zezo ziyakuphuculwa sisixeko kungekudala nje. Luze olwesibini ibe zezo ndawo zingade zithathe iminyaka engade iphantse ukufikelela kwelishumi. Olokugqibela udidi ibe zezo ndawo apho abantu beya kufuduselwa kwezinye iindawo.

“Lo ngumkhombandlela ekuqitywe ngawo sisixeko yaye yabelwe imali eyibhiliyoni yeerandi-1.3 yomsebenzi wokufakelwa kombane kule minyaka

mithathu izayo.”

UXulu uthe esinye sezizathu eziphambili zokufakelwa kombane kwiindawo ezingamatyotyombe kukuzama ukunciphisa ubunzima obuthwaliswa iziko lombane lesizwe ngenxa yokufakelwa kombane ngokungekho mthethweni kwiindawo ezingamatyotyombe.

“Abanye abantu abahlala kwezi ndawo zingamatyotyombe bebet sala umbane kwiilokishi eziku-

fuphi nabo nto ke leyo ebibangelela uxinzelelo olummandla kubuxhaka-xhaka beentambo zombane.

“Zonke ezo ntambo bezisetyenziswa kutsalo mbane olungekho mthethweni ziza kuthatyathwa ukuze abahlali bafakelwe umbane ngokusesikweni. Baza kufakelwa umbane wekhadi batsho bakwazi nabo ukuwuthenga bawubhatale.”

Ukuza kuthi ga ngoku iCity Power sele ifakele umbane eSetswetla (e-Alexandra), eLolly Station (e-Lenasia), ePrincess Plot (eRoodeport) nase-Naren Farm (kumzantsi weRhawuti).

Kutshanje, uMongameli Jacob Zuma uvule ngokusesikweni umsebenzi wokufakelwa kombane kumakhaya angama-

7 000 eThembelihle, eLenasia, kumzantsi weRhawuti.

Lo msebenzi wokufakelwa kombane eThembilile utyabule imali engaphezulu kwezigididi ezingama-90 zeerandi ukuqinisekisa ukuba uluntu luyakwazi ukusebenzisa umbane ovela kwisixeko saseRhawutini ngokukhuselekileyo.

Ngethuba kulayitwa umbane ngokusesikweni, uMongameli uhlabale ikhwelo kwabanye oomasipala ukuba bafunde kulo msebenzi waseThembelihle baze bafakele umbane okulo mgangatho kwiindawo eziphantsi kwabo.

Isixeko saseRhawutini neCity Power zifakele umbane kwizindlu ezingama-200 kwiHostele yaseDiepkloof eSoweto. **U**